



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2016

ISIXHOZA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure



* X H O H L 2 *

Olu viwo lunamaphepha angama-29.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Sebenzisa itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:

ICANDELO A:	iSihobe	(30)
ICANDELO B:	iNoveli noncwadi Lwemveli	(25)
ICANDELO C:	iDrama	(25)
4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke.
Imibuzo emiTHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE
IMIBONGO EFUNDISIWEYO-Phendula imibuzo emiBINI
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO
ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI
Phendula umbuzo OMNYE.
ICANDELO C: IDRAMA
Phendula umbuzo OMNYE.
5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)
 - Phendula KUPHELA imibuzo esetwe kwinoveli okanye ncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisweyo.
 - Phendula UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI ube mNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE.
 - Xa uphendule umbuzo OSISINCOKO SONCWADI KWICANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
 - Xa uphendule umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C.
 - Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo ezizincoko zoncwadi yesiHobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Imibuzo ezizincoko zoncwadi iNoveli, uncwadi lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.

7. Abaviwa kulindeleke baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

8. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo ngalinye kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

9. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo ekwiphepha loviwo.

10. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

11. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: malunga nama-55 emizuzu

12. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IPHEPHA YESIQULATHO SEPHEPHA LOVIWO

Le theybhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza ukuyiphendula khon'kuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

ICANDELO A: ISIHOBE

Imibongo efundisiwego: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Afrika likhaya</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	7
OKANYE				
2.	<i>Umlambo</i>	Umbuzo omfutshane	10	8
OKANYE				
3.	<i>Uvukani madoda kusile</i>	Umbuzo omfutshane	10	9
OKANYE				
4.	<i>Unkosi Rholihlahla Nelson Mandela</i>	Umbuzo omfutshane	10	10
KUNYE				
Umbongo ongafundiswanga. Unyanzelekile uphendulwe.				
5.	<i>Zixolise</i>	Umbuzo omfutshane	10	11

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo omNYE

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	13
OKANYE				
7.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	14
OKANYE				
8.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	16
OKANYE				
9.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	17
OKANYE				
10.	<i>Ubuncwane boncwadi lwemveli</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	19
OKANYE				
11.	<i>Ubuncwane boncwadi lwemveli</i>	Umbuzo omfutshane	25	19

ICANDELO C: IDRAMA**Phendula umbuzo omNYE.**

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
12. <i>Amaza</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	23
OKANYE			
13. <i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane	25	23
OKANYE			
14. <i>A-a-a! Jongumsobomvu</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	27
15. <i>A-a-a! Jongumsobomvu</i>	Umbuzo omfutshane	25	27

QAPHELA: kumaCANDELO B no C, phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO SONCWADI nombuzo omNYE omFUTSHANE.

Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko zoncwadi OKANYE imibuzo emiBINI emifutshane.

Kulindeleleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisi elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethi imibuzo ngokuchanekileyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDEULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSİ
A	Isihobe(Isihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
	Isihobe (Isihobe esingafundiswanga)	5	1	
B	Inoveli noNcwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane	6–9	1	
C	Idrama(Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane	10–13	1	

QAPHELA: kumaCANDELO B no C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo omNYE OSISINCOKO SONCWADI nombuzo omNYE omFUTSHANE.

Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko zoncwadi OKANYE imibuzo emiBINI emifutshane.

ICANDELO A: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A. Stemela: Umhleli****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE efundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo ebuzwe kwimibongo okanye izibongo ezifundisiweyo, KUNYE nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko soncwadi buli-190–240 amagama.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi wandule ubonise indlela imbongi esebezise ngayo ulwimi ukutyhila umxholo uthathela ingqalelo kuphela imiqolo ebhalwe ngqindilili.

ISICATSHULWA A**AFRIKA LIKHAYA – Shasha W.**

1. **Kowu aphin'amadoda!**
2. **Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi!**
3. **Intombi kabawo bayenzakalisile,**
4. Izidlwengu zezidlamli.
5. **Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo,**
6. **Ngcango festile ziyalenga-lenga,**
7. Sebekruthakruthe batyhoboza!
8. **Rhuthu intong'am ndaphakamisa,**
9. Yangen'imbumbulu bandosela.
10. Beza nomfundisi wathandaza,
11. **Hlas'umkhont'am ndabibitheka**
12. **Ndonda ngecabanga balambisa,**
13. **Yangen'imbumbulu bandosela**
14. **Kunamhlanje nje ndondl'umgqakhwe**

[10]

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B

UMLAMBO – Thuthani N.

- | | | | |
|----|---|---|--|
| 1 | Sisilw'esicel'umngeni kwiintsunguzi zamahlathi, | | |
| 2 | Sihamba sigila siqwashaz'imithi emikhulu enamagama yalapho, | | |
| 3 | Nezilo ezikhulu zamahlathi zitsho ziwucezele, | 1 | |
| 4 | Wobhasoph'endleleni wawo uhamb'ukhukulisa! | | |
| 5 | Uthwele amaxhoba unqwamza njengenyok'ebhijelayo. | | |
| 6 | Silondini nakuben'uluncedo nje, | | |
| 7 | Ngemv'ushiy'izikhalo, nezingqala, | | |
| 8 | Ushiy'imbubbhane, ushiy'abahlolo nabahlolokazi, | 2 | |
| 10 | Mdali weenkedama namahasi, mahlukanisi wabathandanayo. | | |
| 11 | Yakun'имвula <u>igxagxaza</u> , iyakombelela, ikuhlupheza, | | |
| 12 | Utsho nawe uqiniseke kwidabi lakho lezigalo, uhlasele, | | |
| 13 | Phofu nawe uzithethelele uthi basendleleni yakho, | 3 | |
| 14 | Unjengololiwe ecumz'ixhoba endleleni yakhe. | | |
| 15 | Akuqali nto, bayakuzela bakuxhokoshe, | | |
| 16 | Wakuphindisa utsho kungamil'ingca kube mdak'iisali. | | |
| 17 | Nezinqulo zethu kwiilali ezingaphesheya siyabuzana, | | |
| 18 | Sinque sizithuthe sixel'imirambo yeendawo zethu, | 4 | |
| 19 | Kube luvuyo nochulumanco ngokubambana ngemilambo, | | |
| 20 | UGaba uNgqosini lowo ngumntu womlambo, | | |
| 21 | Nawe ke goduka mlambo uye kuyise, ulwandle | | |

- | | | |
|-----|--|-----|
| 2.1 | Caphula ibinzana elithetha ukuba umlambo uyayaphula imithi. | (1) |
| 2.2 | Ibhekisa kubani imbongi kwisitanza sesi-2? | (1) |
| 2.3 | Siludidi luni isafobe esifumaneka kumqolo wokuqala? | (1) |
| 2.4 | Xela umahluko oqaphelekayo kwisitanza soku-1 nesesi-2 ngokwesakhiwo sangaphandle sombongo. | (2) |
| 2.5 | Ntsingiselo ni etyhilwa yimbongi ngomlambo kumqolo we-15-16? | (2) |
| 2.6 | Mfanekiso ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngegama elinomgca ngaphantsi kumqolo we-11? | (1) |
| 2.7 | Bhala umongo walo mbongo ngesivakalisi esinye. | (2) |
- [10]**

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C**UVUKANI MADODA KUSILE: Mzukwa Z. W. V.**

1	"Ndikhumbul' eNxu-u-ba,"	
2	Yatsh'int'ekhonya ngamava,	
3	Yatsh'ixel'isifingo sokusa.	
4	Itsho kamnand'emini,	1
5	Ewe x'ixel'imin'emaqanda	
6	Yatsho kalusizi ngorhatya,	
7	Kwathwa kwelakowethu zezombethe.	
8	Nkunz'edla kamnandi yedla neemazi'	
9	Nkunz'eyaziwayo yaziwa ngamathole.	2
10	Yaqhwaya madod'izihlamb' emgqubeni,	
11	Yancedis'ukufun'isitshix'empfungu-mfungwini.	
12	Tyhini, tyhini le kwedini,	
13	Yaz-yaz'ukub'uzenz' umntu"	3
14	Yatsh'int' enkul'isongela	
15	Isongel'igatyan'elincokolis'eny'intokazi.	
16	Wubon' uzigwagwisa kwiintokazi,	
17	Wubon' usakha amaxhaka,	
18	Wubon' udlisela ngobungangamsha,	
19	Gqi indun' enkulu usapho luyashiywa.	4
20	Mqhagindini uxatyisiwe	
21	Wotshindini yakowethu uyathandwa,	
22	Ndatsho nam ndancoma.	5

- 3.1 Nika ixesha lemini okhonya ngalo umqhagi ngokomqolo wesithathu. (1)
- 3.2 Zibizwa ngaliphi igama iinkuku ezikhala ngorhatya ngokwesitanza sesi-2? (1)
- 3.3 Xela umahluko okwisakhiwo sangaphandle sesitanza sesi-4 nesesi-5. (2)
- 3.4 Bonisa indlela imbongi esebezise ngayo ulwimi kumqolo we-9 (2)
- 3.5 Imbongi ithetha egameni likabani kumqolo we-12? (1)
- 3.6 Mfanekiso-ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngomqolo we-17? (1)
- 3.7 Bhala umongo walo mbongo ngesivakalisi esinye. (2)

[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA – Yali-Manisi D.L.P

1 Thetha mfo kaMandela! Thetha nkosi yam!
 2 Theth'ungoyiki kusekh'impund'eAfrika!
 3 Maz'ungaboyik'ooSiswana-sibomvana,
 4 OoSobindeka nooQhinga-libhentsile.
 5 Bona bakubon'amadlala,
 6 **Kanti kukrakr'inyaniso;**
 7 Kuba kamb'ihlaba ngokwekhala,
 8 Budul'ububhengeqa nobungqwangangqwili.
 9 Thetha mThemb'ungoyiki kusekh'amadoda!
 10 Theth'ungoyiki kusekh'amadod'eAfrika!
 11 Mhlawumbi la mathamb'angarhashaza;
 12 Lith'ithambo libuyele kwithambo lalo;
 13 Kub'uThix'uSomandla uyalawula,
 14 Uyawakhawulezis'amaxesh'akhe.
 15 Ubhukuq'izikumkan'ezikhulu,
 16 Aphakamis'izizwan'ezidelekileyo.

 17 Thetha kwedin'akwaZondw'ungoyiki!
 18 Ungazoyik'iinyhwagi neembodla.
 19 Nokufa kusakulindile,
 20 Kwaye kusakulungele;
 21 Ube lidini lesizwe sikaNtu,
 22 Kub'ungumntwan'egazi ngendalo.
 23 Wavelel'uthwal'ezo nzingo neenzima,
 24 Ezinye nezinye phezu kwezinye.
 25 Ngaman'uThixo wakusikelela,
 26 Wakuphumeza, wakuthamsanqelisa,
 27 Uboyis'ububi neent'ezimbi.
 28 Makube njalo nkosi yam.

- 4.1 Lubizwa njani uphindaphindo lwasandi u'th' ekuqaleni kwemiqolo 1 no 2? (1)
- 4.2 Ibhekisa kubani imbongi kumqolo woku-1 nowesi-2? (1)
- 4.3 Xela umahluko okwisakhiwo sangaphandle sesitanza soku-1 nesesi-2. (2)
- 4.4 Ntsingiselo ni etyhilwa ngumqolo obhalwe ngqindilili ngokwalo mbongo? (1)
- 4.5 Mfanekiso ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngebinzana elinomgca ngaphantsi kumqolo we-7? (1)

- 4.6 Uphindaphindo Iwegama “ezinye” kumqolo we-24 luzisa yiphi intsingiselo ngalo kaMandela. (2)
- 4.7 Bhala umongo walo mbongo ngesivakalisi esinye. (2)
[10]

KUNYE**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: UNYANZELEKILE UWUPHENDULE.****UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E**ZIXOLISE* – Ndiazulwana T.**

- 1 Bunjalo obu bomi bumnandi-krakra,
- 2 Obu bomi bumacala mabini okoxolo lomthi.
- 3 Bakufik' unkene-nkene bukuqob'amadolo.
- 4 Bakovel' u-ethe-ethe bukulalisa ngophothe.
- 5 Ndiswel'imilom'okukuxolisa kwintlung'engaphakathi.
- 6 Ndiswel'izandla zokukusul'iinyembezi zomphefumlo.
- 7 Ndiswel'amndl'okukukhombis'umend'onguwo.
- 8 Ndiswel'isipho sokukwenz'uxol'ulibale.

- 9 Izinto zalo mhlaba ngubhangha cim'okwerhangasi,
- 10 Intlung'eziyidalayo phof'ayishiyi ziggingqi nazilonda,
- 11 Kuba kamb' okomhlaba kuyaguga.
- 12 Kuba kamb'ezalaph'emhlabenzi ziyabuna.
- 13 Izint'ezininz'akakh'amndl'okuzinqanda.
- 14 Iziphiw'ezininz'akakho amndl'okuzigcina.

- 5.1 Nika isafobe esikwibinzana, ‘bumnandi-krakra’. (1)
- 5.2 Chonga imvano-siqalo kwimiqolo 3 nowe-4. (1)
- 5.3 Caphula umqolo onika intsingiselo yokuba ubomi abumfuni umntu ongomelelanga. (1)
- 5.4 Chaza umfanekiso ntelekelelo oziswa ngumqolo we-9. (2)
- 5.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Lo mbongo ukudidi lweesonethi olubizwa ngokuba (**yeyesiTaliyan/yeeyamaNgesi**) kuba ngokwesakhiwo sawo une (**oktheyivu nesethethi/uneekwatreni ezintathu nekhaphlethi**). (2)

- 5.6 Myalezo mni odluliswa yimbongi kwikhaplethi yalo mbongo? (2)
- 5.7 Ivakalelwa njani imbongi kwimiqolo 5 ukuya kowe-8? (1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iinovelni ezimbini noncwadi lwemveli.
- Khetha imibuzo kwinovelni oyifundisiwego.
- Kwinovelni ngaNYE nakuncwadi lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-11.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwinovelni ayifundisiwego; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama).

Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinovelni), kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

- Ubude beependulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Bonisa wayame ngeziganeko ezechla kuThole encwadini ukuba umlinganiswa oliqhawe ufakwa engxakini ukuze enze iinzame zokuzikhupha.

[25]

OKANYE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM!: WK Tamsanqa

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F

‘... kwegqitha ezindlebeni zikaThole amazwi athi, Umntu unokuwuthabatha na umlilo awuse esifubeni sakhe.

Zingatshi na iingubo zakhe?

Unokuhamba na umntu phezu kwamalahle avuthayo.

Zingatyabuki na iinyawo zakhe?

Wathi akuweva la mazwi lwee rhiphu uvalo wee xhwenene **wakha wema umzuzu ecinga kukho ingqondo ethi makangabi sangena** kulo mzi aya kuwo, ekhumbula mazwi alolu hlobo ethethwa kuye enga uyaphupha. Ekhumbula namazwi awakha waweva ethethwa esangweni lelokishi eSprings athi, “Umoya uvela ngaphambili”, nezinto ezathi zamhlela ngobo busuku. Uthe esahlfuna la mazwi athethwa ngulo mfo wakwaSigxabhai weva ilizwi lisithi, “Kutheni na Sthandwa uyalahlek?” Wee phaka esothuka. Tyhini! nguNomsa uyamhlangabeza esangweni.

“Ewe Sasa, ndingxamele ukulahlek,” watsho ukuphendula efihla eyona nyaniso. Bathathana baya kungena endlwini yalulonwabo olukhulu kusenziwa ziselo, kudlalwa zidraughts kusithiwani. Babengayilibali imini enje ngolo rhatya umzi ingowabo bengaphazanyiswa nto, ndithetha ukuba kwakuxhelw'eXhukwane. Kuthe kusemnandi kunjalo kwankqonkqozwa emnyango.

“Ngena!” watsho uNomsa engayiphakamisanga nentloko eqwalasele kuloo mdlalo Babewudlala weedraughts etafileni. Uthe ukuwaphakamisa kwakhe amehlo esithi makakhe ajonge lo mntu ungenayo, wothuka waxhuma esitulweni zasarhaka ezo draughts kwachitheka ziselo kwafa zigilasi phezu kwetafile yaba bubutyadidi. Phezu kwabo kwakumi izinto zontathu, amehlo azo exela ukuba ziqulathe impazamo.’

- 7.1 Ayvela kubani amazwi awaggitha ezindlebeni zikaThole ngokwesicatshulwa? (1)
- 7.2 Chaza lo mlilo athe kanti uThole uwubeke esifubeni sakhe”ngokwale noveli?” (2)
- 7.3 Wayephi uThole ngeli xesha eva la mazwi? (1)
- 7.4 Xela udidi lwempixano etyhilwa libinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.5 Khetha kwizibiyeli ukuba isivakalisi esinomgca ngaphantsi sisebenze njengayiphi indlela yokukrobisa kokuseza kuhla ebalini? (njengeziyalo/njengeenkumbulo/njengokubethelwa komlinganiswa) (1)
- 7.6 Bonisa ukuba kusigqebelo njani okukwesi sivakalisi singezantsi ngokwalo mxholo. “Bengayilibali imini enje ngolo rhatya, umzi ingowabo bengaphazanyiswa nto” (2)

- 7.7 Xela inqanaba lesakhiwo elikulo ibali ngokwesicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.8 Khetha kwizibiyeli olona didi lozobo lwabalinganisa luvezwa sisivakalisi esibhalwe ngezantsi. Xhasa impendulo yakho. (**Uzobo mayana/Uzobo ngqo**).
 Phezu kwabo kwakumi izinto zontathu, amehlo azo exela ukuba ziqulathe impazamo. (2)

ISICATSHULWA G

Kwiveki yokuggitywa kweemviwo, ngeCawe, umfundisi owayeshumayela kwaSomgxada yayinguMaqoma waseNxukhwebe ngokuphendula isimemo sikaThole samhla mnene. Amazwi akhe entshumayelo wawacaphula kwiVangeli ngokubhalwa nguMateyu, kumazwi athi,

Wathi akuzibona izihlwele wasikwa yimfesane zizo, ngokuba zityhafile, zichithakele ngokwezimvu ezingenamalusi. Aze athi kubafundi bakhe “ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambalwa. Khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi baye ekuvuneni kwayo.”

Esawafunda la mazwi umfundisi uMaqoma amhlaba uMangaliso wakhumbula ukuxinwa kwakhe ngabafundi eKapa kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo, kwathi kunjalo zaphinda zamthabatha iinkumbulo zaya kumphosa eRhawutini mhla weva kushunyayelwa ngawo ngumfo owayesiya eGeorge Goch emvuselelweni. Uthe akugqiba ukuwafunda umfundisi watsho ngodlwabevu Iwentshumayelo yakhe walikhupha latsola esithi, “Ngoku ke ma-Afrika amahle, thembandini lendlu eMnyama, ndiwabhekisa kuni la mazwi, ndihlabu umkhosi nto zakuthi ndithi yiyo le imihlambi kaThixo ityhafile, ithe saa phandle apha ngokwezimvu ezingenamalusi ifuna umalusi, ndibhenela kuni mawethu ndithi, “Iwu-u-u! zemnk’iinkomo magwalandini! **Ndifuna amadodana eze ngobuso elizweni** ancame konke anakho angenele ubufundisi.”

Wathi ukuba atsho bavakala bencwina abafana basesikolweni bambi bequbude bejonga phantsi, suka uninzi lwabafana neentombi lwamana ukuwanamatheisa kuMangaliso amehlo ngokunga lithi,
“Kutshiwo kuwe Mangaliso. Yhini na ukuba udukise?”

- 7.9 Nika igama lale ndawo kudityenwe kuyo ngokwesicatshulwa. (1)
- 7.10 Xela indima edlalwe nguMfundisi uMaqoma kubomi bukaThole. (2)
- 7.11 Khankanya elinye ityeli apha uThole wakhe wahlatywa lilizwi. (1)
- 7.12 Anika ntsingiselo ni amazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)
- 7.13 Chaza ubuthathaka bukaThole obunxunguphalisayo kumfundu wale noveli xa embona eseGeorge Goch. (2)

- 7.14 Kudlulisa myalezo mni ukujonga kwabantu kuThole xa umfundisi esithi udodana malungenele ubufundisi? (1)
- 7.15 Ingaba oku kudukisa kukaThole kuyahambelana nesiqqibo awasithatha ngala mini wayehlangene noJoe neqela lakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.16 Ubufundisi bukaThole bube nagalelo lini kwikhaya lakhe? (2)
[25]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

Bonisa wayame ngeziganeko ezechla kuMfazwe encwadini ukuba umlinganiswa oliqhawe ufakwa engxakini ukuze enze iinzame zokuzikhupha.

[25]

OKANYE

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zilandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

ISICATSHULWA H

“Ooqhimq qoshe abafuneki apha!” Amehlo akhe ayethe ntsho kum engathandabuzeki umntu abhekisa kuye. Yaduma ngoko nangoko indlu, zayimvula izithuko ukuza kum. Ndeva ngombokro wenqindi emqolo, mpaku impama ebusweni, ndaphalwa-phalwa ndityhalwa ukududulelw phandle. Kukho ababefuna ukundingqula phantsi, kodwa ndaxhathisa ndatyhudisela ngasemnyango. Yaba bubudididi nobungxashingxashi, amanqindi ephambana phezu kwentloko yam. Umfanekiso endaphuma apha uthe thaa okwethongo engqondweni yam ngokaFriday egwejelisa ingalo yakhe kuNokuzola emsondeza kuye akugqiba ukufunza.

Ndigxadazelele ngaphandle ibubuxhishixhishi, ndilekuzwa ndilingiswa ngamanqindi, iimpama zibhabha emoyeni zingade zindifumane. Ndabaleka ndaya kudlula kulaa mapolisa ayesesangweni sele ongezelekile ngoku. Impi eyayindileqa, ingabantu endibaziyo abaxube neentwana zesikolo sam, sekukho nokhe wandifumana apha entsuleni ngembokotho, yajika ngobungxamo yakubona amapolisa angazange andinanze nganto mna phofu. Ndihambe ndikhubeke elurhatyeni, ndaxwesa isixeko, ndada ndaya kuphumela Ngaphaya kwaso kweli cala lingasempuma, kulaa mangcwaba madala, ndidane ndiyinko.

Ndahlala phantsi phezu kwedlaka ndajonga isixeko esi, usathe thaa umfanekiso kaNokuzola egonwe nguFriday. Ndiyakubona ukumpakaniswa nokuxushwa ndixhaywa ndixhatshazwa ngabantu abangazi nto, eyona nto yandixhelayo nguZo ezingalweni ezinuka umzondo zikaFriday. Ndahlala ndacinga. Ndathatha isiganeko ngasinye kuthando lwam noNokuzola, ndizama ukufumana ukuba umhlwa onguFriday waqala nini na ukonakalisa. **Yandiqhuba yona ingqondo, ithi iseBhakubha ibe iseLatakisa.**

Kanti kuhleliwe nje uNokuzola uyachwechwa ecaleni ...

- 9.1 Ayvela kubani amazwi athi, “OoQhimq qoshe abafuneki apha”? (1)
- 9.2 UNokuzola lo wayesazana njani noMfazwe? (1)
- 9.3 Khankanya isiganeko esiqhubele uMfazwe kule ndibano. (1)
- 9.4 Sibhekisa kubani isithethi esithi “ooqhimq qoshe”? Caphula isivakalisi esinqina impendulo yakho. (2)
- 9.5 Khetha kwizibiyeli eyona ndima edlalwa ngunobalisa etyhilwa ngamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (Umbalisi ungomnye wabalinganiswa/ umbalisi ungaphandle kwebali) (1)

- 9.6 Isenzo sika Friday sokugona uNokuzola siliqhubele phambili njani eli ibali? (2)
- 9.7 Xela udidi lwempixano etyhilwa sisivakalisi esinomgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.8 Khetha kwizibiyeli olona didi lozobo lwabalinganiswa luvezwa sisivakalisi esibhalwe ngezantsi. Xhasa impendulo yakho. (**Uzobo mayana/Uzobo ngqo**).
“Ooqhimqoshe abafuneki apha!” (2)
- 9.9 Siggibo sini afikelele kuso uMfazwe ngoNokuzola akube ecinge ukuba kanti uyachwechwa kuhleliwe nje? (1)

ISICATSHULWA I

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

... Benze ntoni?

Loo mbuzo awuzange ube nampendulo kuba kwakungekho mphenduli. Yaba ngutatomncinci kaMachule ochaza okwathi kwenzeka emafahlweni, sele ekhululekile noko ngoku, kodwa yona imvula ingekenzi siqabu. Wagqibelisa ngamazwi athi,

“Ukuba ibingeyiyo le mpimpi,” watsho esalatha kum ubuso buzele uncumo, ngesingakhange sifihle namhlanje.” Wayenza into utatomncinci kaMachule. Ndathi bendilindele izinkempe zezithuko, basuka bagixa bangquruleka abantu ngathi kokukhona kubhujiwego. Kukho owada waphumelisa eviwa ngumntu wonke kwelo gumbi esithi, “Nqanda Mfazwe, ungathini ukusishiya elutshabenit sitshabalala?”

Ndagungqa ndaweninye, ndixakene nesidanga entungo. Endandilwazi mna utshaba lwabo ndim, olu babefuna ndibanqandele kulo ndandingalwazi. Zathi zakwanda izikhalo ndaqonda ukuba akungangam, ndaphuma phandle. Ndibe nthutyana lokubalekisa amehlo ndiwajikelezisa igumbi eli, ndafika phaya entla uCwe, umama kaNokuzola endithe ntsho ngamehlo ayengezelisayo ebambelele esidleleni. Andizange ndibe nakufunda nto kobo buso babuthe shwace.

Ndathi gwipi, ndema everanda ecaleni kwalaa makhwenkwe mabini esikolo, uSiphiwo kune noSiphiwo. Wona athe akundibona akhupha izandla ezingxoweni, akrwela iintloko ngathi anento afuna ukuyithetha. Ndathula andathetha kuba ndingayazi into ayimithiyo. Okwakundehlele kwezo ntsuku kwakusekutsha enggondweni yam, ndizifundise ukuyenza lukhuni intliziyo yam ngeso sizathu. Izolo oku bendithukwa ndinukunezwa ndixeletwa ukuba ndingumrhubuluzi, ngoku kuthiwa mandinqande abantu bayaphela. Yeyona nto yayibafanele leyo.

- 9.10 Ngoobani aba abuza ukuba benze ntoni? (1)
- 9.11 Xela isenzo osukela kuso lo mbuzo uthi “Benzeni”? (2)
- 9.12 Tyhila isigqebelo esikwintetho ebhalwe ngqindilili. (2)

- 9.13 Bonisa ngezenzo ezibini ukuba uMfundisi uHlathi udlale indima yobuzali kubomi bukaMfazwe. (2)
- 9.14 Chaza uvakalelo oludalwa sisivakalisi esinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)
- 9.15 Ingaba wade wavakalelw uMfazwe likhwelo lokuba makanqande? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.16 Xela udidi lwale noveli. (1)
- [25]**

AMANQAKU ECANDELO B: 25

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI: MMI Swana nabanye

Bonisa ngengcaciso nemizekelo emine ubuncinci ukuba izaci namaqhalo zinemvelaphi ekwiintsomi.

[25]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zilandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

ISICATSHULWA J: INTSOMI

IMFENE NODYAKALASHE

Kwathi ke kaloku ngantsomi uDyakalashe wacela uMvolufu ukuba amkhaphe aye ebukhweni. UDyakalashe waxeleta uMvolufu ukuba bangaphathi mphako unokutya okumnandi, baphathe nje utshongo. Wavuma uMvolufu.

Banduluka ngomhla wohambo. Bakufika phezu komfula wathi uDyakalashe mabaphumle batye imiphako ukuze basele apha emfuleni. Hayi ke bahlala baqhala iingxowa zemiphako. Kanti uDyakalashe uziphatheli inyama nesonka, uMvolufu ephethe utshongo kuphela nje. Wahleka uDyakalashe wathi, "Akucelwana ke, baza kulunga aba baphethe utshongo olomileyo." Wathi tu uMvolufu watya akuggiba wasela amanzi. Bathe xa belungiselela ukuhamba kwakhona, uDyakalashe walatha umthi othile, wathi, "Ukuba ndithe ndalunywa sisu phaya ebukhweni uze undikhelele igqabi lalo mthi. Wavuma uMvolufu.

Baphinda baphathelela endleleni. Bakufika ebukhweni babukwa kakhulu. Baphekewa kamnandi. UDyakalashe wagcadelwa inkuku yanye kuba ebengaqli ukuza apha. Yena uMvolufu wagcadelwa zambini njengamntu uqala ukubonwa ebukwa kakhulu. Kwaziswa ke ukutya. Wakhawulezisa wayiggiba eyakhe inkuku uDyakalashe, uMvolufu usalibele kukuncumancumeza evuyela le nyama ingaka.

Uthe xa aqala ukuluma kweyokuqala inkuku weva ngoDyakalashe ekhala ezibhija, "Nceda, nceda Mvolufu uye kundikhelela elaa gqabi ndiyafa sisisu," akabi salibazisa uMvolufu wasombela isinqe ukuya kulaa mthi ebewalathisiwe. Wakha igqabi weza nalo. Ufike uDyakalashe selezibika ukuba bhetele. linkuku ezigcadiwego azisanuki ndawo. UDyakalashe ushiyeye eziqoshelisa okuya uMvolufu asukele igqabi. Bagoduka exakanisekile uMvolufu.

UDyakalashe ucele uMfene kwithuba elilandelayo. Akuvuma uMfene uDyakalashe umcebise ukuba angazihluphi ngokwenza umphako omnandi, maze aphathe nje nokuba ziinkobe. Wavuma uMfene kodwa uDyakalashe akufika kwakhe wazenzela ongayiwayo umphako, inyama, isonka namasi kwanje. Njengezolo uDyaki uzenzele omnandi kunene umphako. Banduluka ngexesha ababenqophisene ngalo, ingulowo exwaye ingxowa yomphako.

Bakufika phezu komlambo baphumla baqhala imiphako. Wothuka uDyakalashe akubona ukutya kukaMfene. Uthe uDyakalashe, "Uyabona, Mfene ukuba ndikhe ndalunyuwa sisisu phaya ebukhweni uze undikhelele eli gqabi lalo mthi." Wavuma uMfene.

Uthe uDyakalashe esajonge kwelinje icala uMfene waqhawula igqabi walifaka engxoweni yakhe. Bakugqiba ukutya basela amanzi bahamba. Ebukhweni bavuyelwa kakhulu balungiselelwa isidlo. Njengoko uMfene eqala ukubonwa waphekkelwa iinkuku zambini waza uDyakalashe, obeqheliwe apha, waphekkelwa yanye.

Kwaziswa ukutya kubayeni. Waphanga uDyakalashe wakuggiba okwakhe lo gama uMfene athe chu. Kwangoko wakhala ngesisu uDyakalashe ezibhija, "Mfene, nceda uye kundikhelela elaa gqabi, ndafa sisisu," uMfene wafaka isandla engxoweni, rhuthu igqabi walinika uDyakalashe. Laba liwa phantsi icebo likaDyakalashe. Bagoduka, uDyakalashe sele **ehleka intsinimeno** encoma uMfene ubulumko bakhe. Phela-phela ngantsomi.

- 11.1 Xela iimpawu zentsomi ezisetyenziswe kumqolo wokuqala wale ntsomi. (2)
- 11.2 Cacisa eyona nto idala impixano kule ntsomi. (2)
- 11.3 Chaza isiganeko esikwinqanaba lovuthondaba kule ntsomi. (2)
- 11.4 Khetha kwizibiyeli eyona ndima idlalwa ngunobalisa kule ntsomi uze uxhase impendulo yakho.
(Umbalisi ungomnye wabalinganiswa/umbalisi ungaphandle kwebali) (2)
- 11.5 Bonisa indlela umbalisi wale ntsomi asisebenzise ngayo isimntwiso. (2)
- 11.6 Chaza imvelaphi yesaci esithi "... nguDyakalashe". (2)
- 11.7 Sinika ntsingiselo ni isaci esibhalwe ngqindilili. (1)
- 11.8 Mfundiso ni efumaneka kule ntsomi. (2)

ISICATSHULWA K: ISIBONGO**Ngurhulumente wethu lo**

- 1 Vi-i-i-tyo-o-o!
 2 linkomo zaseQunu zizele iinkomo zoMzantsi-Afrika
 3 Kuba loo malusi wazo waluse noMzantsi-Afrika
 4 Wath' akubona ukuba' uyeyela warhiwula kwema ngaye.
 5 Wathi "Iyaphel' ezantsi, iya kubuya nabani?
 6 Wahle walubon' ulutsha ukuba luya kuba lunchedo
 7 Wathi makususwe idyokhwe yobukhoboka emntwini
 8 Wamis' umkhonto wesizwe waluqilima
 9 Wabanjwa umntu apho, wabulawa umntu apho!
 10 Tyhini! Bafa kakubi abantu njengeempukane.
 11 Unenkan' uMXhosa, unomqolo uMXhosa ndimncamile
 12 NguRhulumente wethu ke lowo!
- 13 Vi-i-i-tyo-o-o!
 14 Uneenkan' umXhosa, unomqolo umXhosa
 15 Kaloku bekungonyaka ka 1964 ukubanjwa kweli gorha.
 16 Lagwetywa ubomi balo entolongweni.
 17 Beliphulula belimbambazelisa besithi siyeke
 18 Nocalu-calulo lwethu sikukhuph' ejele
19 Yakhaba ngaw' omane laa nto, isithi, "unotshe!"
 20 Phantsi ngocalu-calulo phantsi!
 21 Endimfunayo uRhulumente ngowabantu bonke
 22 Kuphel' ingcinezelo, nabani na axhamle elakhe ilungelo.
 23 Ndixolel' ukufa ndifele inyaniso.
 24 Kodwa andinakufa ndingakhululekanga
 25 NguRhulumente wethu ke lowo!

11. 9 Iphi inkaba yalo ubongwayo? (1)

11.10 Ngubani lo ubongwayo apha kula magorha alandelayo?

- A Nkosi uCetywayo
 B Jacob Zuma
 C Rholihlahla Nelson Mandela
 D K.D. Matanzima (1)

11.11 Xela isixhobo sohlalutyo esifumaneka ekuqaleni komqolo ngamnye ukusuka kowe- 4–9. (1)

11.12 Chaza injongo yokuphindaphindwa kwesihloko ekupheleni kwesitanza ngasinye? (2)

11.13 Mfanekiso ngqondweni mni ozotya sisifaniso esikumqolo we-10? (1)

- 11.14 Ubonisa ntoni ngesimo salo ubongwayo umqolo obhalwe ngqindilili? (1)
- 11.15 Cacisa ngamazwi akho okuqulethwe ngumqolo we-17. (2)
- 11.16 Ludidi luni lwesibongo olu? (1)

[25]

ICANDELO C: IDRAMA

IMIYALELO

- Kweli cadelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 13.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; osisincoko soncwadi kunye nomfutshane.
- Phendula umbuzo ube mNYE kwidrama oyifundisiwego.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B, UNYANZELEKILE ukuba akhethetra umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwicandelo C.

Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo osisincoko soncwadi kwiCANDELO B, UNYANZELEKILE ukuba akhethetra umbuzo omfutshane kwiCANDELO C.

Ubude bombuzo osisincoko soncwadi buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

AMAZA: Z.S. Qangule

Ungquzulwano olukule drama ludalwe lukhanyo olubonakala lusingela phantsi inkubeko yabantu abamnyama. Ngqina olu luvo wayame ngeziganeko eziencwadini.

[25]

OKANYE

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA L

LIZO	Ayindithunuki nakancinane into kaZodwa, Asindim omgxo thileyo, uzikhuphe ngokwakhe; Efela eRhawutini nje utshutshiswa zizono.
MALIMAKHWE	Yinyaniso le yokuba umfi uSidima ebe nomntwana kuZodwa?
LIZO	Efele kwakhe xhego lam ingaba usathandabuza?
MALIMAKHWE	Phofu ubusamthanda wena?
LIZO	(<i>Butsholoza utywala bungena engqondweni</i> Andizange ndimthande kwakuqala, Ndathi ndenza nje kanti ndiza kubopheleka.)

SILUMKO	Hayi ke mfo wentang'am, Ndikhululekile xa kanti akudutywa nto.
LIZO	Nale ntetho ingaka ngam noNamhla ayindikhathazi.
MALIMAKHWE	Mna ndingavuya kanye xa nitshata ngomso oku, ayibukeki into yomhlolo okanye umhlolokazi ogeqeza yedwa ebeqhele ukuhlala nomntu.
SILUMKO	Uphi kakade ngoku uNamhla?
LIZO	Usekhaya.
MALIMAKHWE	Kweliphi ikhaya?
LIZO	Ekwendeni.
SILUMKO	Uthi nakuze nitshate nje?
LIZO	Seliza kukhululwa izila, emva koko uthi mna ngegunya.
MALIMAKHWE	Ngahle akunike ubunzima la maqaba endele kuwo.
LIZO	Andiyontanga yamaqaba mna!
SILUMKO	Kanti unyanisile uMalimakhwe mfo wam, abengubo abalityesheli lula isiko.
LIZO	Siza kubona xhego lam.
MALIMAKHWE	(<i>Ebeka ibhotile yebhulanti, enye eyihlasela</i>) Inene, ndibunyathele ububele.
SILUMKO	Uyazi ukuba Limakhwe Andikhumbuli ndimbona uNamhla ngala mehlo!
MALIMAKHWE	Nantso ke! Akuzange uphike ngomhla womtshato Uth'akunxilanga? Kanti yayingubani umtshakazi?
SILUMKO	Khawundinqandele ke nawe nyana.
LIZO	Elam ixhego lalinganxilanga lalimnandi.
MALIMAKHWE	(<i>Edlala icwecwe lengoma</i>) Masiyeke uchuku, Masithethe ngezimnandi.
LIZO	(<i>Eshukuma ezibhija, eyotywe yingoma</i>) Akwaba ebelapha uNamhla.
SILUMKO	Andizange ndimconde ngala mini ndandimbona. Khawutsho nyana unjani?

- 13.1 Xela isiganeko esikhokelele kule ndibano. (1)
- 13.2 Chaza ngengongoma enye indima edlalwe nguMalimakhwe njengomzali kubomi bukaNamhla. (1)
- 13.3 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonisa ukuba esi sicutshulwa sicutshulwe kwincwadi yedrama. (2)
- 13.4 Bonisa ngeziganeko ezibini ukuba uLizo uzotywe wangumlinganiswa omele icala lokhanyo kule drama. (2)
- 13.5 Chaza ubudlelwane phakathi kukaLizo noZodwa Vaxa ngeli xesha lale ngxoxo. (2)
- 13.6 Ingaba yazaliseka injongo kaSilumko ngale ndibano? Xhasa impendulo yakho ngobungqina obuthatha kule ncwadi. (2)
- 13.7 Ngqina okanye uchase la mazwi kaLizo angezantsi
“Andiyontanga yamaqaba mna!” (2)
- 13.8 Yinyaniso okanye bubuxoki into yokuba umfi uSidima ebenomntwana kuZodwa lo kaVaxa? Xhasa impendulo yakho. (1)

ISICATSHULWA M

NAMHLA	Ha! Ha! Ha-a-a-a-a-a-a-a-a! Umthandazo weyilo nesikhohlakali awufiki ezulwini, uThixo akahlalanga kumqolomba weminyanya; Uhleli ebuqaqawulini banaphakade. (<i>Umbakraza ucango aphume.</i>)
KHULILE	Wasigezela umntwana ngendoda engekamtshati nokumtshata!
SABATHA	Ukuba nisibone isifundiswa namhlanje nidibene naso!
QEBEYI	Nithini ngokuthukwa kweminyanya?
ZOLA	Ufanele amaxesha axwesile, yazi ntoni iminyanya ngenguuko ekhoyo?
VUYISILE	Abanye bethu kakade Abakholelwa kuloo nto yeminyanya.
MPHURHU	Nina zifundiswa Nithelwa manzi engqondweni zizikolo, Iselwa elithelwa amanzi yonke imihla, Liggibela ngokuzala oonojubalala Abaftana nalo uphuma apha.

XOLILE	Inkathazo yenu matyatha-ngubo Yeyokuba niyagquduza ukuhamba Sitshaya ngematschisi nje thina Nina niqhwitha idosha!
SIXHAXHA	Akukho ndawo ithukayo apho?
SABATHA	Akukho ndawo ibethisayo apho?
KHULILE	Kahleni maBhele akowethu! Masicinge kakuhle njengamadoda Masingahlulwa yimfundu sibe ziingceba, Amandla ethu akwimvisiswano yethu.
VUYISILE	(<i>Ephakama ejonga kwabengubo</i>) Sesixabana nje namhla yinto yangamabom, Lemka nomoya ilizwi elithi makanganyanzeliswa umntwana kwindoda angayifuniyo.
QEBEYI	Iphephetheka nomoya kakade yonke into ebumgqubarha.
ZOLA	Uthini ke ngoku?
VUYISILE	Yihluze into oyikhupha ngomlomo.
MPHURHU	Nini kaloku abanemvume yokupahluka! (<i>Bame ngeenyawo bonke, bayaxokozela Ekugqibeleni bahlala phantsi</i>)
KHULILE	Asisodwa kule ngxaki yabantwana. Kungoku nje anwenwa okomlilo wedobo ebusika. Amahumhum okuba uZodwa Zazile umfazi kaLizo Vaxa ugcagce notsotsi! Badukile, akuvakali mkhondo.
SIXHAXHA	Nantso ke iyaphendula iminyanya!
XOLILE	Ikhohlakele iminyanya ekhoyo!
KHULILE	Yenzani kuhle mawethu!
MPHURHU	Ayindothusi le nto yenziwe yintombi kaZazile. Izifundiswa zithe gqolo ukunika iintombi zazo imikhala yokuziphalela zide ziphale.
QEBEYI	Yinyaniso leyo. Ndwendwela nawuphina umzi wemfundimani uya kufika abazali belila amehlo ezizidudu.

- 13.9 Xela igama lendawo ebanjelwe kuyo le ndibano. (1)
- 13.10 Yintoni injongo yokubanjwa kwale ndibano? (1)
- 13.11 Caphula ubungqina bokuba uNamhla unenkolo yobuKrestu. (1)
- 13.12 Isenzo sikaNamhla sokumbakraza ucango sibonisa ntoni ngesimo sakhe? (1)
- 13.13 Chaza unobangela wempixano egguba kule ncwadi. (1)
- 13.14 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa. (1)
- 13.15 Sikweliphi inqanaba lesakhwi sebali esi siganeko sale ndibano? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 13.16 Nggina ngobungqina obuthatha kule drama intetho kaVuyisile ethi, "Sesixabana nje namhla... lemka nomoya ilizwi elithi makanganyaneliswa umntwana kwindoda angayifuniyo." Cacisa. (2)
- 13.17 Luluphi udidi lomdlalo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [25]**

UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

A-a-a! Jongumsobomvu! B.B. Mkonto

Ungquzulwano olukule ncwadi ludalwe lukhanyo olubonakala lusingela phantsi inkubeko yabantu abamnyama. Nggina oku ngokwayama kwiziganeko ezisencwadini ukupuhhlisa umxholo.

[25]

UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

A-a-a! Jongumsobomvu! B. B. Mkonto

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

ISICATSHULWA N

XHOXHO:	Mus'ukuyithetha loo nto yabefundisi. Ukuba andilahlwa ngamehlo am, ngathi ndibona amahashe abo phaya kulaa nduli kaNkqayana (<i>Esalatha</i>). Ndinqinisekile ukuba beza nganeno apha. Eyona nto ndiyoyikayo yeyokultyaziswa ngabo kuba kambe ngabantu apha abangakuvumeliyo ukuba uphefumle ngeyakho ingxaki.
CHIZAMA:	Ngabo kanye abaya mhlekazi. Namhlanje bayekele apha kum nengwevu le yaseMaNtlaneni. Siza kubabeka endaweni yabo. Asinakho ukufika sekuhlwile koMkhulu ngenxa yabo. Andiyazi nento abasayifunayo apha kuthi ngoku. Andibi na sasibanikile laa mhlatyana uphesheya kweNxuba ukuba bakhe loo mzi wabo?

- XHOXHO:** Kunjalo kanye. Ukuba uyakhumbula, uJongumsobomvu wayengafuni nentwana, wayekrikiriza, esithi oluya hlanga **Iufana nqwa nenkamela**. Woyiswa nje nangoku zinkosana namaphakathi. Mna ndedwa, ngoku ndiyasiqonda isizathu sokwala kwakhe. Kanti ke kwiivekana ezimbalwa, okuya wawuye Komkhulu eMkhubiso, bafika apha bezokuboleka abafana bokubalimisa, ndabakhululela. Alizange libekho ilizwi lombulelo. Masithembe ke ukuba bazisa lona namhlanje.
- CHIZAMA:** Mandikushiye kancinci Mhlekazi, khe ndiye kukrweca eliya xhego, naliya phaya kwabaa bafana. Ndifuna bathi befika sibe sibalinde kanye apha enkundleni. Ungabizi madoda wambi kulo mcimbi. Usilingene noBaw'uNtlane. (*Aphume*).
- XHOXHO:** Yiza naye Chizama ntanga. Andisazi esi silingo ndibekwa kuso. Mhlawumbi ngabathunywa beentsikelelo. Mhlawumbi ngabathunywa bamashwangusha. Ngubani owaziyo? Bandikhetha ngabuni mna kwezi nkosana? Ndisisisulu sokuxhatshazwa ngabo? Okanye bandibona njengomhlanguli wabo?

- | | | |
|------|---|-----|
| 15.1 | Le ncoko iqhuba phi? | (1) |
| 15.2 | Kwenzeke ni sekukho le ncoko nje? | (1) |
| 15.3 | Ngoobani aba bantu balindiweyo? | (2) |
| 15.4 | uXhoxho ubambe esiphi isikhundla ngokwasekuhlaleni? | (1) |
| 15.5 | Atyhila ntoni amagama abhalwe kwintetho kaChizama ngesimo sakhe? | (1) |
| 15.6 | Likweliphi inqanaba lesakhiwo sebali kule ndawo yesi sicatshulwa?
Zixhase. | (2) |
| 15.7 | Uthetha ukuthini uXhoxho xa esithi, "lufana nqwa nenkamela"? | (2) |

ISICATSHULWA O

FILIPHU:	Inzolo mawethu. Ndicela ukuba sihlale phantsi kuba siphambi komntu omkhulu, ohloniphekileyo noxatyisiweyo sesi sizwe kwanesethu siphela. <i>(Uhlala phantsi uMaqoma, kodwa esafuthela phezulu, amehlo ewajolise kuKholoneli lowo, kunjalonje, engaqhwanyazi nokuqhwayaza)</i> Mhlekazi uNgqika! Mna ndibona kulungile ukuba unyana wakho lo aye kuthi vu kufutshane nawe phaya kula mimango yaseTyhume. Impilo yakho ayintle, kwaye ndiya nokuba omnye wakho uselusana. Ngubani ke ngoko oza kuba liliso koluya sapho njengokuba ungumlwelwe nje?
MAQOMA:	Matshaya, ndithe kuwe leliphi eli yeza nimtyhefe ngalo ubawo? Khangela ngoku, nale ndoda bendiba iza kuza nento enembadla, ibeka ubawo esichengeni, ayibhekisi kum. (<i>Ejonga kuFiliphu ngaloo mehlo atshawuzayo osuke wahlehla umva kancinci</i>) Bhekisa kum mfo! Undixeleta ngempilo kabawo eqotyozw nini? Benimzisa apha nje namhlanje benifuna ukuba acinywe ndim amehlo? Hi?
SOMERSET:	Gqirha, mxelele lo mfo ukuba silapha nje sithunyiwe nathi, asizenzeli. Uwaggibile amafama akuthi kweziya ntaba zeNkonkobe. Kodwa asikhala kuba sifuna ukuhlalisana ngoxolo. Ngoku ke kufike le ncwadi kuthi.
MAQOMA:	Alinakuphuma kuwe ilizwi loxolo wena. Izandla zakho zixhaphe igazi. Ndilindele ukubona umqolo wakho ufulathele. Befundisi, asimnqweno wam ukunigxotha kumasango eli Komkhulu nakwisizwe sakowethu jikelele, kodwa ngathi nindiqhubela kuloo nkalo ngoku. Ndithe kuni nize kumqongqotha na ubawo?

- 15.8 Ungathi ngumlinganiswa onjani ubaw'uNtlane ngokokuva kuChizama?
Cacisa impendulo yakho. (2)
- 15.9 Ityhila ntoni ngesimo sentlalo intetho kaFiliphu? (2)
- 15.10 Yintoni injongo yale ntlangano? (2)
- 15.11 Xela ukuba kuthetha kuthini ukuba liliso? (1)
- 15.12 Ityhila ntoni intetha kaMaqoma ngesimo sempilo sikaNgqika? (2)
- 15.13 Laba nafuthe lini icebo likaSomerset lokuza noNgqika kwintlanganiso yakhe noMaqoma? (2)
- 15.14 Cacisa intsingiselo yeli binzana “izandla zakho zixhaphe igazi”? (2)
- 15.15 UMaqoma ungathi ngumlinganiswa onjani kweli bali? (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

